

Vuk'uzenzele



Produced by Government Communications (GCIS)

English / isiXhosa

| EyoKwindla 2018 Ushicilelo 1

VAT - the poor to be buffered

GOVERNMENT IS ensuring that it protects the country's most vulnerable during these tough economic times.

The effect of an increase in VAT to 15 percent from 14 percent is going to be buffered by South Africa's high level of social services. That's according to Finance Minister Malusi Gigaba who says the increase, which takes effect on 1 April, will also see South Africans enjoy greater relief from below inflation increases in personal income tax rebates and brackets, and steps government is taking towards free higher education.

From 1 April 2018 old-age disability grants will increase from R1 600 to R1 690 and to R1 700 in October. Child support grants will increase from R380 to R400 in April, and to R410 in October.

This is a 6.6 percent annual increase. Since October 2017's Medium-Term Budget an additional R2.6 billion has been added to social grants to enable these increases.

"As highlighted by the President in the State of the Nation Address, government will ensure that social grants will continue to be paid without disruption," said Minister Gigaba.

In its budget review, National Treasury said expenditure on social protection provides social security and a safety net for low-income South Africans.

It also improves social welfare service delivery to vulnerable individuals through policy and legis-



■ Finance Minister Malusi Gigaba is delivering his maiden 2018 Budget speech in the National Assembly.

lative reform, growing the number of social workers, improving access to Early Childhood Development

and facilitating food and nutrition initiatives.

"Spending on social protection is set to rise from R193.4 billion in 2018/19 to R223.9 billion by 2020/21, growing by an average of 7.9 percent. The number of social grant beneficiaries is expected to reach 18.1 million by the end of 2020/21."

An estimated 12.8 million people will receive the child support grant and 3.7 million people will receive the old-age grant.

2018 Tax proposals

- An increase in value-added tax (VAT) from 14 to 15 percent, effective 1 April 2018.
- A below inflation increase in personal income tax rebates and brackets, with greater relief for those

● **Cont. page 2**



South Africans jubilant after

Page 4



Growing the economy

Page 10



Be the Legacy

100 Nelson Mandela Centenary 2018 Be the Legacy

REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

2030 NDP

ALSO AVAILABLE ON:



@VukuzenzeleNews

f Vuk'uzenzele

Websites: www.gcis.gov.za

www.vukuzenzele.gov.za

E-mail: vukuzenzele@gcis.gov.za

Tel: (+27) 12 473 0353

Free Copy

Ukubhalisela uvoto kuza kuba ngeyoKwindla yowama-2018

IKOMISHONI YONYULO EZIMELEYO (I-IEC) iqinisekisa okokuba abemi boMzantsi Afrika ngangobuninzi babo babhalisela uvoto kunyulo lowama-2019.

More Matshedisiso

I-IEC yoMzantsi Afrika yazise umjikelo wokubhalisela uvoto kunyulo lwama-2019, kwaye ibongoze abavoti abafanelekileyo kweli liphela ukuba batyelele izikhululo zabo zovoto bahlaziye iinkcukacha zabo kumqulu woluhlu lwabavoti okanye babhalisela uvoto.

IGosa eliyiNtloko loNyulo lekomishoni, uSy Mama-bolo, uthe zonke izikhululo zovoto ezingama-22 612 ziza kuvula ngempelaveki yomhla we-10 nowe-11 kweyoKwindla yowama-2018 ukususela ngentsimbi ye-8 kusasa ukuya kweye-5 emva kwemini. Oku kwenzelwa okokuba kube lula kwaye kuncede abavoti bahlaziye iinkcukacha zabo zovoto okanye babhalise. Okokuba ufudukele kwenye indawo engeyiyo le wawuhlala kuyo ukugqibela kwakho ukuvota, kufuneka uphinde ubhalise kwesi sithili sakho sitsha sovoto.

Abemi boMzantsi Afrika abaminyaka ili-16 nanga- phezulu nabanesazisi esisemthethweni okanye ikhadi bangabhalisela uvoto. Okokuba akubhalisanga, akusayi kuvunyelwa okokuba uvote ngowama-2019.

Abavoti ababhalisileyo abaneenkukacha zeedilesi zabo ezingekhoyo kumqulu woluhlu lwabavoti, iinkcukacha ezifunekayo bangazinikezela kwizikhululo zabo zovoto xa kubhaliswa.

"Sifuna abavoti beze baze basebenzise eli thuba," utshilo uMamabolo. "IKomishoni yoNyulo kungoku nje ayikabinazo nangoku iidilesi zabavoti abamalunga nezigidi ezi-2.8. Ngaphezu koko kukho iidilesi ezizigidi ezi-3.5 ezihlelwe "njengezingagqibekanga" okanye "ezingacacanga." Olu didi lufuna ukuphinda luhlalelwe ukuzinisekisa okokuba ngabazikho na ezinye iinkcukacha ezikhoyo," wongeze ngelisho.

Ikomishoni ifumene iidilesi ngokusebenzisa amali-

nge awohlukeneyo aquka ukuhlaziya iingxelo, iifayili neendawo zokulondolozisa izibhalo ezibalulekileyo. Oku ikwenzela ukukhangela nokufumana iidilesi ezinikezelwe ngabavoti kwiminyaka engama-20 edluleyo; ngexesha iqokelela iidilesi ngexesha lonyulo loomasipala lowama-2016; nangokwezona uphando lwangapha-

ndle ngaphambi kweempelaveki zokubhalisela unyulo lovalo-sikhewu.

Apho kuyimfuneko khona, abavoti ekufumaniseke okokubabhaliswekwizithili zovoto ezingachanekanga, basuswa apho ngokweCandelo 12 (1)(d) loMthetho woNyulo.

"Siye safumana saze sasebenzisa, imithombo yeedi-

lesi ekwamanye amacandelo ombuso afana neZiko leNkcukacha-manani loMzantsi Afrika (i-Statistics South Africa), i-Arhente yeZibonelelo zezeNtlalo noMhla-phantsi yoMzantsi Afrika (i-SASSA), u-Telkom, iPosi yoMzantsi Afrika neSebeleMicimbi yaseKhaya, apho sikwaziyo khona, " utshilo.

Bhalisa phambi kweyoKwindla yowama-2018

KweyeDwarha yowama-2017 iKomishoni yoNyulo yenze iwebhusayithi ethi:

www.elections.org.za isenzela abavoti ababhalisileyo abane-intanethi ukuze bahlaziye baze banikezele ngeedilesi zabo, okanye, banikezele ngeedilesi zabo.

Kanti ke abavoti banako nokutsalela umnxeba iZiko loNxibelelwano kule nombolo: 0800 11 8000 ukususela ngoMvulo ukuya kuLwesihlanu ngamaxesha omsebenzi. Oku bangakwenza xa befuna uncedo malunga nalapho sikhoyo isikhululo sabo sovoto nezinye izinto abafuna ukuziqonda.

Abavoti ababhalisileyo basenako nokuthumela iinombolo zabo zeZazisi ngeSMS kwinqanaba ethi 32810 ukuze bafumane i-SMS eneedilesi

zezikhululo zabo zovoto (i-SMS ibiza i-R1)

Ekufanele ukuba ukuphathe

Xa utyelela isikhululo sakho sovoto phatha incwadi yakho yeSazisi enebha khowudi, iSazisi esilikhadi okanye isiqinisekiso sethutyana seSazisi.

Uza kuncediswa ekuzaliseni ifomu yokubhalisa ethi iqulathe iinkcukacha zedilesi yalapho uhlala khona. Loo nto iza kunceda ikomishoni ukuba ikubeke kwisikhululo sovoto esichanekileyo. Ubungqina balapho uhlala khona ABUFUNKEKI nganto.

UMamabolo umemelele bonke abantu, imibutho yezopolitiko, imibutho yoluntu, imibutho engekho phantsi korhulumente, amatshantliziyo, amajelo eendaba, iinkokheli zemveli nemibutho yezenkolo ukuba iqinisekise ngokuba le mpelaveki yovoto ibe yimpumelelo.

NEWS IN BRIEF

Isuzu Motors invest in SA

The South African economy has received a major boost with the Isuzu Motors purchase of the Struandale plant in Port Elizabeth.

Department of Trade and Industry Minister Rob Davies said the investment will save jobs.

"We know that this investment will mean that 1 000 jobs in the facility will be saved and there are 3 000 jobs in the direct supply chain and many thousands more in the supply companies. Jobs will continue to be guaranteed in the future."

CSIR brings technology to improve water safety, delivery

Low-cost technologies to improve the quality of water and service delivery in municipalities were displayed at the 12th National Municipal Managers Forum which took place in Mpumalanga in February.

The Council for Scientific and Industrial Research (CSIR) displayed these technologies at the forum. **V**

From page 1

the lower income tax brackets.

- A 52 cent per litre increase in the levies on fuel, made up of 22 cents per litre for the general fuel levy and 30 cents in the Road Accident Fund levy.
- Increases in alcohol and tobacco excise duties of between 6 and 10 percent.

A move towards fee-free education

Minister Gigaba said government will spend about R57 billion on fee-free higher education over the next three years.

"The largest reallocation of resources towards government's

priorities was on higher education and training, amounting to additional funding of R57 billion over the medium term. As a result, this is the fastest-growing spending category, with an annual average growth of 13.7 percent," he said.

Government will phase in fee-free higher education and training to students from poor and working-class families.

This means that all new first-year students, with a family income below R350 000 per annum, at universities and technical vocational education and training colleges in 2018 will be funded for the full cost of their studies.

Returning National Student

Financial Aid Scheme students at universities will also have their loans, for 2018 and going forward, converted to bursaries. **V**

DID YOU KNOW?

The National Treasury has launched Vulekamali, an online budget data portal that will make budget information more accessible and user-friendly. Visit: www.vulekamali.gov.za for more information.



government communications

Department: Government Communication and Information System
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Tel: (+27) 12 473 0089 E-mail: vukuzenzele@gcis.gov.za
Address: Private Bag X745, Pretoria, 0001

Head of Editorial and Production
Tasneem Carrim | tasneem@gcis.gov.za

Editor-in-Chief
Des Latham | des@gcis.gov.za

Managing Editor
Ongezwa Mogotsi | ongezwa@gcis.gov.za

News Editor
Ongezwa Mogotsi

Writer
Noluthando Motswai
More Matshedisiso

Senior Designer
Tendai Gonese

Translators
Nomgcibelo Motha
Boitumelo Phalatse
Phakamani Dadlana

Vuk'uzenzele
is published by Government Communications (GCIS)

All rights reserved. Reproduction of the newspaper in whole or in part without written permission is strictly prohibited.

Printed by: paartcoldset

Distributed by: ON THE DOT

Sindisa imikhombe yeli

AMALINGE OMZANTSI AFRIKA asindise imikhombe emngciphekweni wokuphantse itshabalale kwiminyaka yooma-1960, kodwa isesemngciphekweni wokutshabalala njengoko sele isele ingama-20 000 kuphela.



More Matshedis

UMphathiswa weSebe lezeNdalo uEdna Molewa, ukhuphe ingxelo yokuqala yenkqubela yowama-2018 malunga nendlela karhulumente edibeneyo yecebo lolawulo ukuze kuliwe ukuzingelwa kwemikhombe ngokungekho mthethweni.

Le ngxelo, equka ikota yokugqibela yowama-2017, ibonisa inkqubela ekubanjweni kwabantu abaliqela, uphando nempumelelo ekuqwetyweni kwabo bazingela imikhombe ngokungekho mthethweni, nabathengisa iimpondo zayo ngokungekho mthethweni nokuhla kancinci kwenani lemikhombe ezingelwa ngokungekho mthethweni esizweni jike-

lele kowama-2017 (1028), xa kuthelekiswa nowama-2016 (1054).

Ngowama-2017 kubanjwe iimpondo zemikhombe izihlandlo ezisibhozo kwiSikhululo seNqwelo-moya seZizwe-ngezizwe i-OR Tambo International Airport kwaya kwabanjwa abatyholwa abangama-502 ngokuzingela imikhombe ngokungekho mthethweni nabatyholwa ngokurhweba ngokungekho mthethweni abali-16. Lilonke inani lababanjwayo ngama-518, nani elo elihle livela kuma-680 kowama-2016.

"Ngelishwa, amagosa ethu angama-21 nawo abanjwa malunga nemicimbi enxulumene nokuzingela imikhombe ngokungekho mthethweni kowama-2017," utshilo uMphathiswa Molewa.

Ukuthintela ukuzingelwa kwemikhombe ngokungekho mthethweni

Urhulumente namahlakani akhe basungule amanyathelo ngamanyathelo okuthintela ukuzingelwa kwemikhombe ngokungekho mthethweni, kuquka iinkqubo zokubeka esweni ngokuhambahamba kwiipaka zesizwe nokusebenzisa ubuchwepheshe obukwiqondo eliphezulu.

Phakathi kwenyanga yoMqungu neyoMnga yowama-2017 kuzingelwa imikhombe engama-504 ngokungekho mthethweni eKruger National Park (KNP). Loo nto yenze ukuba inani lihle ngeepesenti ezingama-24 xa kuthelekiswa nama-662 kowama-2016.

"Ngenxa yecebo lethu lokulwa ukuzingelwa kwemikhombe ngokungekho mthethweni e-KNP sibona lisihla inani lokuzingelwa kwemikhombe ngokungekho mthethweni. Yimikhombe engama-2662 eyaziwayo ezingelwe ngokungekho mthethweni kowama-2017 xa kuthelekiswa nengama-2883 kowama-2016. Loo nto ithi oku kuzingelwa kuhle nge-7.6 yeeepesenti," uqinisekise uMphathiswa.

Kambe, inani lemikhombe ezingelwe ngokungekho

mthethweni linyukile Kwazulu-Natal, eMntla Koloni, eMpumalanga, eFreyistata naseMntla Ntshona.

Ifuthe kuqoqosho

Ukuzingelwa kwemikhombe ngokungekho mthethweni nokurhweba ngezilwanyana zasendle okungekho mthethweni kunefuthe elibi ekuphuhliseni uqoqosho lwelizwe nokudala imisebenzi, kuquka noku-phuhlisa koqoqosho lwezilwanyana nezityalo ezahlukeneyo okubandakanya necandelo lezokhenketho.

"Ukuphela kwezinye zeentlobo zezilwanyana zasendle eziyimbalasane eMzantsi Afrika ezifana nomkhombe, oyinxalenye 'yeZona ziLwanyana ziKhulu ziHlanu' ezibizwa 'i-Big Five,' kunganefuthe elibi kwini labakhenkethi abatyelela uMzantsi Afrika. Uninzi lwabakhenkethi lutyelela uMzantsi Afrika kuba lufuna ukubona le Big Five ukutsho ke umkhombe, ingonyama, inyathi,

ihlosi nendlovu," iSebe lezeNdalo litshilo kwingxelo eliyikhuphileyo.

Ukuzingelwa kwemikhombe ngokungekho mthethweni kubonwa njengento eyingozi kukhuseleko lwelizwe, nto leyo enganefuthe kwini labakhenkethi abatyelela elizwe, kwaye urhulumente ukubhengeze njengolwaphulo-mthetho oluphambili esizweni.

Izenzo ezingekho mthethweni ezihambelana nokuzingelwa kwemikhombe ngokungekho mthethweni nokurhweba ngeempondo zemikhombe okungekho mthethweni kunceda kuphela inani elincinci labophuli-mthetho. "La maqela abophuli-mthetho axhaphaza ukuntsonkotha kolu hlobo lolwaphulo-mthetho. Ngeli xesha le mibutho yemigulukudu ifumana ukuxhamla, urhulumente akakwazi ukuqinisekisa uphuhliso lwezentlobo noqoqosho kwaye ezi zenzo ziyondela ebantwini elizweni liphela," iSebe liqinisekise latsho. ▀

Inani lemikhombe ezingelwe ngokungekho mthethweni yaze yabulawa



A new Randfontein for residents

JOB OPPORTUNITIES in the pipeline for Randfontein residents.

The Rand West City Local Municipality is changing the face of Randfontein through the Mantrose Mega City Project, which will see thousands of houses being built for locals and will bring various job opportunities to community members.

The recently launched R11 billion project includes the building of a mall, clinic, railway line and other amenities in Middelvlei, which will ensure job creation and boost investor confidence in the area.

Rand West City Local Munic-

ipality spokesperson Tshidiso Tlharipe said the project will change the face of Randfontein.

"We are truly excited about this project and we know that it is going to bring about positive change for our people.

"Not only are we going to build 15 000 houses, we will also provide thousands of job opportunities for our locals and that's ultimately what we want. We want to absorb them in projects in their own town and we believe that this will uplift them as individuals," he said.



The houses will consist of RDP and low-cost units. "We have many business owners who will sub-contract in the development of this project, and locals who will do gener-

al work, such as brick laying, plastering and painting," said Tlharipe.

This will go a long way towards accommodating the less fortunate and those who earn

between R3 000 and R15 000 per month.

The owner and chairperson of Finsbury Middelvlei Consortium, Matshidiso Ngakane, said the project will give them an opportunity to be part of something big in their own communities.

"This is the first project of its kind in Randfontein and we are thrilled as residents. The project will provide much-needed job opportunities for locals for at least seven years and will see business owners able to sustain themselves as well," said Ngakane. ▀